basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## 2016

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-24.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

   UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

5. Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundisiweyo. Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE. Xa uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   Imibuzo emide yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   Imibuzo emide yeNoveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

8. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

9. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela kwimibuzo ekwiphepha loviwo.

10. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

11. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

12. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO SEPHEPHA LOVIWO.

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: ISIHOBE** | | | |
| **Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.** | | | |
| 1. 'Umlambo!' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Imbongi yeSizwe, uS.E.K. Mqhayi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'UNkosana "The Happyboy" Mgxaji' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Aphi na amadoda!' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Isikhuthali' | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |
| **ICANDELO B: INOVELI** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.** | | | |
| 6. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| **ICANDELO C: IDRAMA** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.** | | | |
| 10. *Amaza* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| 11. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |
| 12. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 21 |
| 13. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

## ITSHEKHLISTI

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B: INoveli Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–9 | 1 | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 10–13 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli**

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide buli-190–240 amagama.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukutyhila indlela ezincedise ngayo izafobe ukuphuhlisa umxholo.

**UMLAMBO – N Thuthani**

Ngumnyob' ozolileyo ohamb' utyhutyh' amathafa,
Isilo esizondlalileyo ukukhwez' imimango,
Amajikojiko uhamb' ubhijela endleleni yakho,
Yintlwath' ebhijel' ixhoba ukujikel' amagophe,
Waphel' umhlambi yinyok' ebimbilizayo.

..........................................................................
Ufike unike ingxelo yohambo lwakho lwendlala,
Yehlela ungajiki ubuy' umva njengetshivela,
Oko akusayi kukunceda, iliso ezintabeni likujongile,
Uyayazi uza kufika ubethwe kokwenu wakuba mdaka,
Watyekeza loo mabibi namaxhoba endleleni.

Eluhambeni lokugoduka, uz'ufike ulizulu.
Wakuba mdaka ulwandle luya kukuchila,
Int' emdaka ayifunwa lulwandle,
Hamba sigebengandini uye kutshonela,
Wakusithela sakuhlala sikukhumbula.
Ntaka ndini ulizulu.

**[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IMBONGI YESIZWE, US.E.K. MQHAYI – JJR Jolobe**

1 Anivanga na ukuba ihambile iMbongi yeSizwe?
2 Anazi na imke ngenqwel' egoqoz' emafini?
3 Kunamhla seyimana isalatha inqwal' iwisa,
4 Ithe wambu umnweba wemisebenzi encamisa,
5 Iphethe intshuntshe nomnqayi wokholo.
6 Umthiyi-magama akasele emthe jize na
7 Ngesibuliso sozuko uMesiya edumisa?
8 Ufudukile umphakathi enxuweni elidala.
9 Umkhonzi weenkosi akakhonzi eBhotwe na namhla?

10 Imkile intw' enkulu yasemaZimeni,
11 Usomfekethwana zooBy George kwaMelani,
12 Uwela uMlambo kant' uza neTyala lamawele,
13 Unxanel' imfundo wasel' emthonjen' eLovedale,
14 Untonga yaqingqwa ngumCirha kwaGompo,
15 Uqegu limandla lathwal' iinzima zakwaNdlambe,
16 Usiba lunomda kwiZwi laBantu kwaneMvo,
17 Untetho yatsala ooBhene nooGqatyana,
18 Ungxanyaza wadlul' eDikeni wee xha eMncotsho.
19 Ngumzila ubonwa kuBazili beNene,
20 Usikhundla sikooZikhumbuzo zooNtsikana,
21 Usakhono siselusibeni ngeencwadi,
22 Ugama lifukanyw' ezintliziyweni zeemfundi.

23 Ntab' oZuko kwaNdlambe asinxuwa lakhe na?
24 Ntab' oZuko akuwongekanga na namhla?
25 Ngaphantsi kwakho zodlul' iinqwelo zomlilo
26 Zibeleke izizukulwana zoluhle lweAfrika.
27 Ziya kwalathisana ngawe kwimihla ezayo,
28 Zisithi kulaph' ekulele umThembu omatshamba
29 Ingqangangqanga yentetho yesiXhosa,
30 Ubharhumla ngokwengonyama xa abongayo,
31 Umazwi aluncuthu kwababafundisisayo,
32 Umhlahli-ndlela ngegalelo lokubhaliweyo,
33 Into kaMqhayi iMbongi yeSizwe Jikelele.

2.1 Xela isafobe esisetyenziswe kwimiqolo yokuqala emibini kulo mbongo. (1)

2.2 Cacisa umfanekiso-ngqondweni onikwa sisifanekisozwi u-wambu kumqolo wesi-4? (2)

2.3 Loluphi udidi lwembongi oluvezwa zizixhobo ethetha ngazo imbongi kumqolo wesi-5? (1)

2.4 Yintoni etyhilwa kukungalingani kwezitanza ngokwesakhiwo solu didi lwesihobe? (1)

2.5 Chonga umqolo obonakalisa ukuba lo kubongwa ngaye ukwangumbhali wamaphepha-ndaba esiXhosa. (1)

2.6 Iphuhlisa ntoni imbongi ngoMqhayi xa isithi, 'Ntab' oZuko kwaNdlambe asinxuwa lakhe na?' (2)

2.7 Myalezo mni odluliswa yimbongi ngendima edlalwe nguMqhayi kulwimi lwesiXhosa? (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNKOSANA 'THE HAPPYBOY' MGXAJI – N Thuthani**

..........................................................................
Igqubil' into kaMgxaji kumabal'eSisa Dukashe,
Ihamb' ihlangana neenkunzi ezinzima kuqhum'uthuli,
Izigeq' izidudula izeyelisel' emaweni,
Inkunz' empondo zingxangxaka ithwele amaxhoba,
Wakhawuleza wayindumasi uMgxaji, engenantanga!

Uzibethil' iimbethi–manqindi zoMzantsi Afrika gqibi,
ElaseRhawutini nelaseKapa zikhuph' iinkunzi zalo,
Into kaMgxaji isenz' izimanga kumabal' aseMdantsane,
Yakungen' eqongen' ityityimbe itshawuza,
Ixel' umzi usombelelwa ziingxangxasi.
..........................................................................
Zize zithontelana iimbethi-manqindi zaseRhawutini,
EKapa, eNatala, eBloemfontein naphi na.
Zize zithontelana zaxel' iimvula zehlobo,
Zakroza nganye zaxel' amakhwenkw' eentonga esitikini,
Zize kufun' intshing' ebanjwe yinkunzi yaseMonti,
Zalwa zizijul'ijacu yem'entla into kaMgxaji.
..........................................................................
Uzidaphul' ezaseTshayina zatoshatosha,
Uziphambanisile ezaseMelika zaqhana,
Wazibhovuza nezaseNgilane zee folokohlo,
Alandul' amaFrentshi athi ayingangawo,
ElaseRashiya labhebhetha lathi lisakhand' izikhali!!

EzaseJamani zixhomile zayikhomb' emva kwekaHitler,
Zathi zona zisakhoth' amanxeba eemfazwe zehlabathi,
Zamkhumbuza ngeenkunzi zaseItaly kwaTaliyane,
Zalandul' ezalapho zathi zinoxanduva lokwakha ibhulorho,
Zathi kwalani angaweleli ngezo bhulorho
Ukuya kwezaseMzantsi Melika?

Nezalaph' iinkunzi zabhebhetha,
Zathi xa oyise ooxholovane baseMelika akanantanga,
Suka yayinkuphenkuphe izizwe azanika sihlahla,
Suka yayintuntanja umtyhutyhumezo ongabheki ndawo,
Izizwe zimkhuphela ngapha nangapha okaMgxaji.
..........................................................................

33 Igama lakhe kwezamanqindi liyimbalasane,
34 Kungubham bham, gaga, jebh jebh eMdantsane,
35 Kutyhalw' inqindi kwelaseMonti!

3.1 Yintoni ebangela ukuba imbongi isebenzise uphawu loshiyo-sikhamiso kwistanza soku-1? (1)

3.2 Mfanekiso-ngqondweni mni otyhilwa yimbongi kumqolo wesi-8 nowe-9? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.3 Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe kakhulu yimbongi kwistanza sesi-3. (1)

3.4 Ithetha ukuthini imbongi kumqolo we-18? (1)

3.5 Nika isixhobo sohlalutyo esikrwelelwe umgca ngaphantsi ekuqaleni kumqolo wama-30 nowama-31. (1)

3.6 Phawula ngokusetyenziswa kwezifanekisozwi kumqolo wama-34. (2)

3.7 Uthini umongo walo mbongo? (2)
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo,wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**APHI NA AMADODA! – M Mbuthuma**

...............................................
1 Zemk' iinkomo, magwala,
2 Nt' ezifungel' efileyo,
3 Nt' ezijong' owaz' umqala,
4 Zilibal' iintsana zazo,
5 Amagwal' anezishwabulo
6 Zeminyanya engookhokho,

7 Nohlala nibekw' ityheneba
8 Zizizukulwana ezizayo:
9 Yibulalen' inyoka, madoda,
10 Yod' iwafukam'amaqanda-
11 Kant' ayaziwa konke–konke
12 Ukuthi yoqandusela silo sini na.
13 Nants' isiz' ivuy' emzini!
14 Iqondil' aninto yanto.
15 Nants' isiz' ibhuku-bhukuleka!
16 Zidenge,vuyisanani nayo!
17 Nantsi ingen' isahlula-hlula!
18 Aya phi n' amadoda kulo mzi?

Nants' ikhoth' izilumko-
Az' asimakhoth' exathula na?
Nants' izam' ukusiza-
Az' asiyontsiza-mbulali na?
Nants' ivuyis' abantu-
Az' asimavuyis' esiwisa na?
Kulusizi kongaboniyo
Isiphelo sakhe sisemnyameni;
Kululoyiko kumagwala
Af' erhangqwe yintamb' obugwala;
Sendisizel' amakroti
Oogazi-ntliziyo ndakondela.
..........................................

Ndide ndithini na, nto zakuthi,
Ze ndibe ndinipheth' emanyeni?
Yini na ngqukuv' ezinkone
Zejoj' elipapisi kumahashe,
Maphec' alubhelu kaNtu
Abotshwe mhl' umthwal' unzima?

Lumkan' intamb' inganirhintyeli,
Hlez' ingabi nakukhululwa!
Mna ndibon' ishwangusha
Liza lixhakwe bubunewu-newu.
Azi ziyini n' iintsana zenu?
Ngenene ndoyik' endiyibonayo!

4.1 Yintoni ebangela ukuba imbongi isebenzise uphawu loshiyo-sikhamiso kwisitanza soku-1? (1)

4.2 Tolika okuqulathwe kwisitanza sesi-2 kumqolo we-9 nowe-10. (2)

4.3 Mfanekiso-ngqondweni mni onikwa yimbongi kumqolo we-15? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe kakhulu yimbongi kwisitanza sesi-3. (1)

4.5 Phawula ngokuphuhliswa kukusetyenziswa kwemibuzo buciko kwisitanza sesi-4. (2)

4.6 Unjani umoya wembongi kwisitanza sesi-5? (1)

4.7 Nika injongo yokusetyenziswa kophawu lwesikhuzo kumqolo wama-42. (1)
**[10]**

**KUNYE**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISIKHUTHALI – LS Ngcangatha**

Kubantu abakhoyo hay' isikhuthali!
Ngumnt' ononononophel' asinto yakh' ukungakhathali,
Sithi siwuva sibe ngath' asiwuva umsebenzi.
Yint' engathi yonwabile yosulw' iinyembezi.

Ndithi mn' isikhuthali asikhathazi mntu,
Kunjalonje asingomnt' onengqondo ebuthuntu.
Akungeze usibone sisenz' ubutshijolo.
Sona kaloku sivana nokuba noxolo.

Le nt' isikhuthal' isolok' ichwayitile.
Ukusibona siyekelel' umzimba kunqabile.
Kowaso umlomo ayinasiphelo ingoma.
Ukanti indima yomsebenzi waso woyincoma.

Ndithi le nt' isikhuthali sisiquququ.
Nalo ivila malikhuthale lenz' inguqu.
Ibhongo laso lihleli liqaqambile.
Intloko yaso isolok' ithambile.
......................................................
Siya kuzingca isizwe sakhe ngaye.
Ekugqibeleni woxhaml' inyhweba naye,
Esakuwufez' umsebenzi wofuman' inzuzo.
Ekusebenzen' apha kukh' umvuzo.

5.1 Xela injongo yokusetyenziswa kophawu lwesikhuzo kumqolo woku-1. (1)

5.2 Yintoni unobangela wokushiywa kwezikhamiso kumqolo-wesi-2? (1)

5.3 Zifana njani izitanza zalo mbongo ngokwesakhiwo? (1)

5.4 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.5 Cacisa okuqulathwe sisitanza sesi-3. (2)

5.6 Nika isixhobo sohlalutyo esiboniswa kukufana okusekuqaleni kumqolo we-18 ukuya kowama-20. (1)

5.7 Mfundisoni edluliswa yimbongi ngeziqhamo zokukhuthala kwisitanza sokugqibela? (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwinoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Phicotha impixano kwincwadi ethi, *Nyana wam! Nyana wam!* phantsi kwezi zihloko zilandelayo:

- Inkcazo yempixano neendidi zayo.
- Impixano yangaphakathi kuThole. **[25]**

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

'Kutheni na madoda sangena eHumansdorp kanti siya eGcuwa?' wabuza uThole engaqondi. Ngolwazi lwakhe ngemfundo xa eseGcuwa iHumansdorp ingaphaya kweBhayi, wayengalindele kugqitha kuyo xa esiya eGcuwa.

'Siya kuzazi njani ke thina mfondini iindlela zabaqhubi beemoto,' watsho ukuphendula uThemba. Akazanga ayinanze le mibuzo umqhubi, wayingena wayidlula iHumansdorp eqinisile wemka isizungu. Uthe esamangalisiwe uThole wabona omnye umbhalo Paul Sauer Bridge kungekudala bedlula kuloo bhulorho babona omnye umbhalo *Knysna Cuttings.*

'Hi madoda kutheni le ndlela ngathi isingise ngaseKapa nje?' watsho uThole engxamele ukundweba ecinga esezolo. Akuzange kubekho uphendulayo kulo mbuzo.

'Madoda ndiphenduleni ndiyabuza?' uphindile ebuza.

'Mfondini akuthanga uya eGcuwa?' wabuza umqhubi wemoto.
'Nditshilo.'

'Ke ufuna ntoni ngoku?' watsho umqhubi engamanga eyivuthela imoto.
'Ndingxamele ukungayiqondi le ndlela yakho,' watsho uThole eyekelela.

Kuthe besaxoxa leyo bavela komnye umbhalo, *'You are now entering the Knysna forests'* kwaphindwa kwabhalwa into enininzi ezantsi kwawo kulunyukiswa abantu ngezilo ezilapho, aye namahlathi ethe thantalala phambi kwabo. Bagqithe njalo kulo mbhalo baye sebengena ehlathini. Bangene nje yema imoto. Wehla umqhubi wayivula ngaphambili wayiphathaphatha wabonakala enikina intloko esiza kubo emotweni esithi, 'Madoda, ndiphelelwe ngamafutha,' watsho wangena emotweni lo mfo wee nxolokotho eqamele ngevili lokuqhuba.

7.1 Nika igama lomlambo elenza ukuba uThole akulibona aqiniseke ukuba ababheki Gcuwa. (1)

7.2 Loluphi olunye uhambo akhe waluhamba uThole ekwahamba nabahlobo bakhe? (1)

7.3 Yintoni ebangela ukuba uThole ashiye iBhayi? (2)

7.4 Sesiphi esi siganeko sezolo acinga ngaso uThole? (2)

7.5 Phawula ngokungaphenduli kukaSonwabo noThemba bebuzwa nguThole? (2)

7.6 Xela injongo kaMangaliso yokuba enze isigqibo sokulifulathela elaseKnysna. (1)

7.7 Zinto zini EZINTATHU ezazimenza umntu afumane iimbasa esikolweni ngokwale noveli? (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

Wathi akulibona elo lifu leeqhiya liphephezela naye wakhupha eyakhe ebulisa ngobo buso buzele uncumo, suka wathi ephephezelisa njalo zabonakala ziphalala iinyembezi emehlweni akhe. Asazi ke nokuba wayecinga ntoni na ngeso sihlwele, mhlawumbi yayiziinyembezi zemincili, masikhe sibe sisitsho.

'Inene ukuba abantu babengako eYeriko mhla uZakeyu wakhetha ukukhwela emthini ukuze ayibone iNkosi makube wayemninzi umntu loo mini ndiswele umthi oku kwam ngendikhwele kuwo ndixele uZakeyu,' yavakala isitsho enye intokazi ixakekile kunzima ukugqobhoza kuloo ndimbane ibone ekwakukhonjiswana ngaye.

Bathi ukuba bawubone loo mbhodamo wale ndimbane abaphathi baqonda ukuba akuyi kuba kuhle ukufika kwalo mphakathi ebantwini bacela amapolisa ukuba abadudule abantu abakhuphele ngaphandle kwesikhululo abaxelele ukuba uza kuziswa kubo abafuna ukumbona. Yaba ngumsebenzi onzima kakhulu ke lowo kumapolisa owathatha iyure yonke kwade kwajijwa cebo limbi ukuze abantu baphume esikhululweni kangangokuba iinqwelo zomoya ekwakufuneka ziphumile zashiywa lixesha kunzima ukuba abakhwelayo bagqobhoze kuloo ndimbane ukuya kukhwela. Abefundisi ababemthwele besiza naye baqonda bengekafiki naye ukuba akuyi kulunga bazokufika naye kweso sihlwele kuba hleze ngenxa yemincili bamenzakalise betsalatsalana ngaye bacinga cebo limbi lokuba bachwechwise imoto bamthubelezise ngayo emke engabonwa.

7.8 Leliphi ixesha elityhilwa yinqwelo-moya eyayikhwelwe nguMangaliso ngokwesimo sentlalo? (1)

7.9 Sisombululo sini esenziwa ngamapolisa ngenxa yombhodamo wabantu ababelapho esikhululweni? (2)

7.10 Zizathu zini EZIBINI ezazibangela ukuba uThozama naye alangazelele ukumbona uMangaliso ekufikeni kwakhe? (2)

7.11 Likweliphi inqanaba ibali ngokwesakhiwo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.12 Siganeko sini esenzekayo esibuhlungu xa kwakuhlangatyezwe uMangaliso? (2)

7.13 Ngqina ukuba uThozama wadlala indima ekubeni uMangaliso azane noyise uMkwayi. (2)

7.14 Mfundisoni efumaneka kule ncwadi kwimpumelelo kaMangaliso? (2)
**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Phicotha impixano kwincwadi ethi, *Ukhozi Olumaphiko* phantsi kwezi zihloko zilandelayo:

- Inkcazo yempixano neendidi zayo.
- Impixano yangaphakathi kuMfazwe. **[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

| |
|---|
| Umfo omkhulu wayekunyaka wakhe wokugqibela kubugqwetha eYunivesithi. Yena wafika mva efama ekubeni bedilizwe eYunivesithi ngodushe lukaKK. Ndandimbalisele okwathi kwandehlela, wothuka kakhulu liyelenqe lamapolisa ukufuna ukundenza incukuthu ngenkani. Wayehlupheke njengoko nam ndandihluphekile kukusweleka kukaKK ngendlela awasweleka ngayo. Umfo omkhulu engengomntu unakuthetha kakhulu kakade, wasuka waba sisimumu ngakumbi, apho athethe khona ibe yincwina ediza ukuxheleka kwasemphefumlweni. |

Sathi chu sithule simamele ukubetha kwezihlangu endleleni, xwashu, xwashu ukuya apho kukhwelelwa khona izinto ezihambayo, yena eza kudzulela kuQobo. Imini yayibonakala ukuba iya kuthi iqina libe likhupha intlanzi emanzini, kodwa ngelo xesha lentsasa yonke into yayingathi iyanyuquza ukuhamba oku. Laziziliza ilanga ukusuka phezu kweentaba ngathi ngumtshakazi owoyika amehlo. Amasebe emithi athi ukushukuma axela ukuhamba kwemazi esindwa sisisu kukuqunjelwa. Iintaka zazimana zivuka zithi pha-pha lontshi komnye umthi, ingxolo edla ngokububula kamnandi yazo iswelekile. Ndandimana ndiphawula ngesi simo kufo kamalume, kodwa abe ngathi akavanga nto, asuke adetyeze detye detye ukuhamba oku. Kwisikhululo seetekisi yayisisiqhoqhobela, ingengomntu izimbovane, nkungu nelanga yakwabani. Sithe xa sikude kufuphi saqaphela ukuba ubuninzi babantu bongezelwe nangamajoni ayefuna undikho. Ayeziziqhu ngeziqhu ezihamba nezinja kunqandwa abantu bangayi kukhwela ezitekisini. Kwakungathi kudlalwa undize kuba ayesithi evala babe abantu bephumela kwelinye.

9.1 Xela eli yelenqe lenziwa ngamapolisa athetha ngalo uMfazwe. (2)

9.2 Kwenzeke ntoni ukuze uSiqithi noMfazwe bazibone besendleleni? (2)

9.3 Phawula ngesimo sentlalo ngokwesicatshulwa? (2)

9.4 Mqondiso mni esiwutyhilelwa ngumbhali ngesimo sezulu esimathumb' antaka ngale mini? (2)

9.5 Nika isizathu esabangela ukuba uMfazwe abalekele kwaninalume. (2)

9.6 Siganeko sini esamothusayo uMfazwe kuloo ndlela iya eSihlahleni? (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA D

Ndithe sendikhathule umgama omde xa ndibona ukuba nentaba iyaphela, ndangenwa luvalo endingazi ukuba luvela phi na. Ndithe rhuthu eliya qokobhe, kuwo onke lawa mafutha, ndazithi tshwe apha ebunzi, ndahlikihla nasefokothweni. Eneneni ndandingasazi isizathu sokuba ndenze oku. Ndavela nje ndenza into endiyixelelwa yingqondo yam. Ngamanye, lawa echanti ndaqaba izandla, ndakugqiba ndahlaba phambili. Izilo nezilwanyana endandihamba ndidibana nazo andingezibalisi. Ezinye iinyoka ndandiqabuka sendiphezu kwazo. Inyuse intloko, ivuthelane lumane ukuthi letshe ulwimi, ndibuye umva kancinci ndimshiye eluxolweni umnumzana.

Phambi kokuba ndigqithe kwisigcutyana samatyholo endingawaqondiyo, ndandiye ndithathe esindayo imbokotho ndigibisele, kanti kuloko kuza kuthi taa inkunzi yembabala. Ndixwese intaba ndada ndaya kufika elucingweni olwenza umda xa kanye amathunzi aqalayo ukukekela. Ndihleli phantsi ndasinga amazantsi entaba. Kwakubonakala kukho intshukumo phaya ezibukweni, kodwa ngenxa yokuba lalisithwe yimithi ndingenakwazi ukuba kuqhubeka ntoni na kanye kanye.

Umgama phakathi kwam nalo wawungaya phaya kumashumi amabini ekilometha, kukude kakuhle. Emva kwethuba ndaphakama ndaya elucingweni olwaluwohlowohlo kuloo ndawo ndandikuyo. Ndabona ngeengqatha kunye nobulongwe beenyamakazi ukuba makube yindawo yazo yokuphumela, lakatyu kwakanye, ndawela. Ndithathe ufele lomzingeli ndaluthi khatha phantsi kwebhanti, ndakhweza iintaba ndikhawulezile.

9.7 Uyaphi uMfazwe sele ekule ndawo akuyo nje? (1)

9.8 Ndima ni eyadlalwa ngumzingeli eqinisekisa ngokhuseleko lukaMfazwe? (2)

9.9 Likweliphi inqanaba ibali ngokwesakhiwo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.10 Caphula kwisicatshulwa ibinzana elibonisa ukuba ilanga laliseza kutshona. (1)

9.11 Khankanya into ibe-1 encomekayo eyeza nenkululeko kule ncwadi. (1)

9.12 Msebenzi mni owawusenziwa ngumzingeli ngaphambili? (1)

9.13 Kwenzeka ntoni kuKhonjwayo ukuze azibone sele ephambene? (2)

9.14 Mfundisoni efumaneka kule ncwadi ngendima edlalwe nguFriday? Xhasa ngeengongoma EZIMBINI. (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela KUMBUZO 10 ukuya KUMBUZO 13.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B (kwiNoveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

### UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Ukwahluka kwamaxesha abaphile kuwo abalinganiswa kube ngunozala wokungabikho kwemvisiswano neziphumo ezibi kule ncwadi. Ngqina oku ngeziganeko ezikulo mdlalo. **[25]**

### UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

| | |
|---|---|
| LIZO: | Ubuhomba bakho batsha nomtshato. |
| ZODWA: | Utsho kuba kutheni? |
| LIZO: | Iihagu zingqengqa emnyango, Iinkuku<br>zifukamela ezikhabhathini. |
| ZODWA: | Ewe. |
| LIZO: | Ibhedi lihlathi leencukuthu namagciwane. |
| ZODWA: | Ewe. |
| LIZO: | I-emele liqula lamaphela,<br>Izinja ngabesuli bezitya. |
| ZODWA: | Ewe. |

| | |
|---|---|
| LIZO: | Izitulo neetafile ngamahashe abantwana, amaselwa neefadukhwe zizitishi zeempukane. (*Uyaphakama uZodwa uya etafileni).* |
| ZODWA: | Thetha ndiphulaphule. |
| LIZO: | Nokuhamba oku ugobile ngathi uza kuzamisa amarhewu. |
| ZODWA: | (*Eqoqosha amathambo etafileni).* Ewe. |
| LIZO: | Ulixelegu elidla umongo wemihlathi. |
| ZODWA: | Kaloku umunda okubhetele wedwa eBhayi. |
| LIZO: | Ubhitye nokubhitya. |
| ZODWA: | Ndafika apha ndithe mome, ndithe wohlo ngabantwana bakho. |
| LIZO: | (*Ejongisisa uZodwa ezinyaweni*) Zide zibe namasa iinyawo. |
| ZODWA: | Ndintlekezwe ngamagade akowenu. |
| LIZO: | *(Ethatha iphepha efunda)* Akufundi namaphepha-ndaba la. |
| ZODWA: | *(Ejika ebambelela esinqeni)* Uyaqonda nje ukuba ilanga kufuneka liphume sendiphekile? Liyatshisa abantwana kufuneka sendibahlambile, liyagqatsa amasimi kufuneka sendiwenze mdaka. Liyajika iimbiza zangokuhlwa mazibe sezibhadla, ziyavalelwa impahla, yonke into mayibe seyilungile. |
| LIZO: | Kunzima apha kuwe, akutsho? |
| ZODWA: | Ubomi buthengwa ngemivumbo ngumntu obhinqileyo. |
| LIZO: | Uthi ugqadaza apha ube uqukeza phaya. Usebenza imini yonke nasebusuku akuphumli. |
| ZODWA: | Kukuphumla ukulala uguqile ucinga ingomso? |

| | |
|---|---|
| LIZO: | Ubuthongo bokwenene wabugqibela useyintombi. |
| ZODWA: | Ewe. |
| LIZO: | Sukuxhala, uza kuphumla. |
| ZODWA: | Xa kutheni? |
| LIZO: | Xa ndikukhulule kula matyathanga ndikuqamangele ngawo. |
| ZODWA: | Uthetha ukuthini? |
| LIZO: | Ndithi uza kukhothwa amanxeba. |
| ZODWA: | Ngubani? Phi? |
| LIZO: | Ngabazali bakho, kokwenu. |

11.1 Sincokola siphi esi sibini? (1)

11.2 Yintoni unobangela wokuba kubekho ukuxambulisana phakathi kwesi sibini? (2)

11.3 Saba yintoni isiphumo soku kuxambulisana kuKUMBUZO 11.2? (1)

11.4 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.5 Likweliphi inqanaba ibali kule ndawo? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.6 Chaza isimo sentlalo kwesi sicatshulwa. (2)

11.7 Chaza unobangela wokuba uZodwa aye eRhawutini. (2)

11.8 Waziwa njani uMaLimakhwe ukuba ungumama kaNamhla? (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

| | |
|---|---|
| NGXELELO: | Niyivile ke bantu bakuthi imitshontshi ethi amagqobhoka aza kwenza inkonzo emangcwabeni. |
| MPHURHU: | Kwawaphi amangcwaba? |
| NGXELELO: | Indawo yamangcwaba inye kaloku. |
| WELISILE: | Into enjalo ayinakuhla,<br>Kulele iinkonde zakowethu entabeni. |

| | |
|---|---|
| PHATHUMZI: | Ngoobani iinkokeli zeli nyala? |
| QEBEYI: | Ukhala wabo njengoko nisazi nguZazile,<br>Amagosa aphambili nguKhulile<br>noMzabalazi. |
| WELISILE: | Ungazishiyi eza ntshebe<br>zinguSilumko, la maqhingashe uhlala<br>eBhayi. |
| MPHURHU: | Lo Khulilendini yimbalasane yegqobhoka<br>nesifundiswa, wayengumqhitsiba weqaba<br>elabuya eKapa selikwazi ukufunda<br>iBhayibhile nokunxiba iqhina |
| QEBEYI: | Uthini ngoMzabalazi |
| PHATHUMZI: | Ndimazi eseyinkwenkwe lowo.<br>Wayelikrwadase lomdlengele,<br>Into ehamba ikradula emimangweni,<br>Ingqutsela ehamba igila ii-emele<br>Zamantombazana kule milambo. |
| SIXHAXHA: | *(Egibiseleka ukuthetha)*<br>Umbuso wamagqobhoka uyadelela,<br>Awunabhunga tu nomnye umntu.<br>Bengasibuzi nje besithe siyavuma?<br>Bengasibhungisi nje besithe siyakholwa?<br>Sisiqhelo sabo ukwenza ngogonyamelo,<br>Makhe siyijonge ke loo ndawo namhla. |
| WELISILE: | Kunjalonje akazazi apho akhoyo<br>amagqobhoka! |
| SIXHAXHA: | Ndisuka ndiphathwe sisicaphucaphu<br>ndakucinga ngoongantweni bamagqobhoka,<br>Oosithubeni, oondilele, iimbukumbucu<br>Ezisebenzela ubholobholo kuphela. |
| QEBEYI: | Liyeke ungaligqibanga,<br>Ndicuceka umxhelo mihla le<br>Ndakubona udonga lwemfundo<br>Olumiswe zizixhofula zeemfundimani,<br>Uqilima olwakhelwe<br>Ukwahlula umntu emntwini wakowabo! |
| SABATHA: | Ukholo nemfundo ngababphangi bengqondo!<br>(K*uthi cwaka umzuzu.)* |
| MPHURHU: | Ngokucacileyo simoya mnye,<br>Masiqhubele phambili, kuyahlwa. |

| | |
|---|---|
| QEBEYI: | Into eseleyo ke ngoku<br>Kukuba senyuse idini, sibulele uQamata<br>Ngokusinika amandla okuhlonela isithethe.<br>Sakulenyusa idini ngokunyuka intaba sixhobile,<br>Sifike emangcwabeni ngexesha lokugaleleka kwamagqobhoka<br>Siwacele ukuba anike abaphantsi imbeko yabo.<br>*(Ejonga kuNgxelelo)*<br>Kuwe ke mkhuluwa. |

11.9 Xela udidi lwengoma eyayivunywa ngabalinganiswa abakwisicatshulwa. (1)

11.10 Sizathu sini esenza ooWelisile bangayingeni into yokwenziwa kwenkonzo emangcwabeni? (2)

11.11 Zinto zini ezingaqhelekanga ezenziwa nguSilumko emangcwabeni? (2)

11.12 Asixelela ntoni ngoSixhaxha amagama akwizibiyeli athi, *'Egibiseleka ukuthetha'*? (2)

11.13 Yeyiphi indima edlalwe nguNkosi uGobinamba emangcwabeni? (2)

11.14 Ucinga ukuba zafezeka iinjongo zikaSilumko zokubizela abantu kwinkonzo yasemangcwabeni? (2)
**[25]**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Ukudlelelwa amalungelo kwabalinganiswa abathile kube ngunozala wokungabikho kwemvisiswano neziphumo ezibi kule ncwadi. Ngqina oku ngeziganeko ezikulo mdlalo. **[25]**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| MAMCETHE: | MamCirha, amadoda akafani, afana nje ngeentshebe kuphela. Le yam ke ikhokhobela kum ngegwangqa layo nje ukuba ndiphazamele kwelo cala lokuyibonisa ngenguquko. Kungoku nje inomkhwa wokuba ingafuni namnye umfazi apha kubafazi bayo ukuba abeke umcondo apha. Lowo ukhe weza kundibona, umbethela ukumbulala. |

| | |
|---|---|
| NOMKHINI: | Hayi bo! ixhego elingakaya uthi lingayenza loo nto? Ubawo uNtlane ngathi ngumntu olungileyo nje, ukwazi njani ukuphakamisa isandla? Hayi bo andikholelwa kuloo nto. |
| MAMCETHE: | Ukulunga kona ulunge ngokugqibeleleyo. Kodwa uthi nje ukuba uphathe into yeVangeli kuye, uyichamele incoko, abe leliya lona liphethwe emsileni irhamba. |
| MAMCIRHA: | Anjalo onke la maqaba angala madoda ethu. Mna ndiza kuthi sebenzisa nje eli cebo unalo lokuhlalisana ngoxolo nexhego lakho sisi. Kaloku awusenabantu bokuphephela ngoku. Ndibulela nale yokuba nje ukuba mhle, ngenene iNkosi inamandla, iyabakhangela abantu bayo. |
| NOTSONTA: | Le Nkosi siyikhonzayo kaloku inengubo enkulu esambathisa ngayo**.** Yiloo ngubo nangoku ke le ibangele ukuba umam' uMary omelele kangaka emva kwezi zehlo zibi kangaka athe wazifumana ngoonyana bakhe. Nangoku ndiqinisekile ukuba iNkosi isecebeni, kaloku ithe ngokwayo asiyi kuswela nto. |
| NOMKHINI: | Yitsho uphinde ntombi yasemaQocweni. Silapha nje yenye yezinto leyo esindulule kwaMankazana. Siyazi ukuba sekulithuba, kodwa sasigqibe ekubeni size kukuvelela umam' uMary. Size kukuxelela ukuba "sikho sonke, ungazenzakalisi" njengoko zisitsho nezibhalo zabefundisi. |
| MAMCIRHA: | Phofu ke akashiyekanga yedwa, ushiywe noomolokazana kunye nabazukulwana ngabazukulwana. Akakwazi ke ngoko ukuba yinkedama. |
| MAMCETHE: | Kwowu! Ndiyayibulela ke kambe iNkosi ngabo bantwana bam ndishiywe nabo. Seyingabona bantu ndiphalazela kubo intlungu yam, kwaye ke noNtlane akakwazi nokubabetha kaloku bona xa bathe beza apha kwam, usuka nje naye awe amandla okubangxolisa kuba ubathanda gqitha oomolokazana bakhe. |

13.1 Bancokola bephi aba balinganiswa? (1)

13.2 Likweliphi inqanaba ibali kule ndawo? (1)

13.3 Chaza isimo sentlalo kwesi sicatshulwa. (2)

13.4 Isityhilela ntoni ngoMntlane intetho kaMaMcethe ngokunxulumene neVangeli? (2)

13.5 Nika isizathu esibangela ukuba ooNomkhini bahambele kwaMamCethe. (2)

13.6 Mbono ni evezwa nguNomkhini xa esithi 'Sikho sonke, ungazenzakalisi'? (2)

13.7 Chaza indlela eyawanceda ngayo amakhaya athile le Vangeli yayihanjiswa ngaba balinganiswa. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| MSIKA: | Inzolo madoda! Utheni wena kuwo loo madoda ukuthetha? |
| MNGXONGO: | Ndiwangcambazisile kanobom, ndabuya ze. |
| MSIKA: | Wenzani ke ngoku? Yintoni ukundiphoxa besisangcambaza kuhle nje? Lungisa ukuthetha Mngxongo, umdala, kwaye yazi mhlophe ukuba uthetha namadoda. |
| DLOMO: | Ityala asingomafutha Mngxongo. Musa ukusiqakathisa. Utheni kuthi izolo ngoQhinebe? |
| MNGXONGO: | Andisakhumbuli kakuhle ngenxa yomothuko. |
| DLOMO: | Akusenani, andinakukhumbuza nakanye. Sihlikihle sonke. Ucinywe ngubani uQhinebe amehlo? |
| MNGXONGO: | Ndim lo kanye. |
| QWATHI: | Awu! Phi kweliya ubusithi apha ufike sel' ebanda? Thetha kakuhle mfanandini! |
| DLOMO: | Kahle Qwathi, mus' ukumngxamela. Tyhilela le nkundla ke Mngxongo ngamazwi okugqibela aloo mphakathi. Ukhumbule ke ukuba ubungewedwa, indlu ibizele imi ngeembambo lusapho lukaQhinebe. |

| | |
|---|---|
| MNGXONGO: | Akukho nto ayithethileyo. (*Akhuza amadoda)* Andikhumbuli mazwi, |
| DLOMO: | Bendingekho mna. Kodwa unyana omkhulu kaQhinebe obekubambisile ngeliya xesha benimxhasile ukho apha, nguye ke oza kutyebisela le nkundla. Yiza nganeno ke mfana usityhilele konke okuqhubekileyo. |
| MANGXOYI: | A! Jongindyebo! (*Akhahlela amabutho*) A! Jongumsobomvu! (*Aphinda*) Mhlekazi ufike ubawo ndikho phaya kowethu, ndiye kusabela kumama kanye malunga nokungabikho kukabawo lowo nabaninawe bam ngekhaya. Undityhilele umama ukuba ubawo ulukuhlwe ngubawo uMngxongo lo, bekho bemamele, bemthembisa ngobuphakathi obukhulu xa uQuka seleyinkosi. Bamnqande bancama, wasuka wathatha izikhali zakhe wahamba nobawo uMngxongo lo. Ufike ke izolo wathumela ukuba kubizwe ubawo uMngxongo kunye nam lo. Ekufikeni kukaBawo uMngxongo, ubawo undiyalele ukuba ndihlanganise usapho lonke, waza wathi ezindlebeni zethu sonke, " Bantwana bam, ndifakwe ngentloko kule nto yokubulala inkosi nguMngxongo lo nimbonayo. Nimyeke, ningamenzi nto, ebezenzela. Ndiyingene kuba ndibazi ukungcola kwabo, nanku ke mboneni". Kukangako ke Mhlekazi. |
| DLOMO: | Nalo ke Mhlekazi. |

13.8 Sesiphi isiganeko esenzekileyo esidibanisa ikomkhulu apha eSidutyini? (2)

13.9 Cacisa ngesigwebo sikaNkosi uMaqoma kwisityholo sooMngxongo. (2)

13.10 Wayeyinkosi yesiphi isizwe uMaqoma? (1)

13.11 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.12 Tyhila isimo sikaQhinebe usebenzisa intetho kaMangxoyi kwesi sicatshulwa. (2)

13.13 Xela ubudlelwane obuphakathi kukaMangxoyi noQhinebe. (1)

13.14 Ngqina ngeengongoma ezintathu ngoonobangela bokuba uMaqoma angafuni ukushiya umhlaba wooyisemkhulu? (3)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**